## Ukwingcinga zikaThixo

Ukuba wena, njengamawaka abanye abantu apha elizweni lethu, uhlala ezitalatweni, waphulukana nesidima sakho nokuzihlonipha, iBhayibhile ikunika ingqiniseko yokuba uThixo uyakuthanda kwaye ukukhathalele.

## Isithembiso sikaThixo:

Umfo ongagwebi ngembonakalo,
umfo ongenguye uthoba-sikutyele.
Uya kuyilungelelanisa imicimbi
yabahlelelekileyo;
abazelelele abaxakekileyo kulo mhlaba.

UISAYA 11:3b-4a

Ndiya kubhomboloza ndidumisa
uNdikhoyo;
ndiya kumncoma phakathi
kwezihlwele;
kuba yena uyamxhasa ohlelelekileyo,
amhlangule kwabo bamsingela phantsi.

IINDUMISO 109:30-31

## UYesu ubuyisela isidima sabo babandezelekileyo

"Hayi uyolo lwenu, nina basweleyo,
kuba nilawulwa nguThixo!
Hayi uyolo lwenu,
nina balambayo ngoku,
kuba niya kuhlutha!
Hayi uyolo lwenu, nina balilayo ngoku,
kuba niya kuhleka!"

ULUKA 6:20b-21

***Iivesi zeziBhalo zithatyathwe kwiBhayibhile yesiXhosa ka-1996.**

## UYesu wafana nabo bahluphekileyo

Kaloku niyasazi isisa seNkosi yethu uYesu Krestu; nangona wayesisityebi, kodwa wazenza ihlwempu ngenxa yenu, ukuze nina nibe zizityebi ngobuhlwempu bakhe.
2 KWABASEKORINTE 8:9

## Ukuba uThixo ungakuthi singatsho ngengqiniseko:

Ndothi ngomxhelo wonke:
“Akakho onjengawe, Ndikhoyo.”
Wena uhlangula iindwayi
kwabanamandla kunazo,
ukhusele indwayinge kubacinezeli.
IINDUMISO 35:10

“Abahlelelekileyo bam bofuna
amanzi bancame;
sebekhothekile bona lunxano.
Ke mna Ndikhoyo ndosisabela
isikhalo sabo –
mna Thixo kaSirayeli soze ndibalahle.”
UISAYA 41:17

## UYesu uyabakhumbula abahluphekileyo nabangenamakhaya ngomthandazo:

Sibonelele kwiintswelo zethu
zemihla ngemihla.
UMATEWU 6:11

Ipapashwe yasasazwa liqumrhu leBhayibhile laseMzantsi Afrika.
**www.biblesociety.co.za**

BibleSA.co.za
BibleSA
Bibles and audio Bibles are available on the **BibleSA app.**